URhulumente weNtshona Koloni

ISebe leMfundo leNtshona Koloni
**Gavin de Bruyn/ Tamaryn Petersen**
ICandelo le-*Cape Teaching and Leadership Institute*
(kubandakanywa ne-*EDULIS*)
Gavin.debruyn@westerncape.gov.za | 021 900 5053
Tamaryn.Petersen@westerncape.gov.za | 021 900 5035

Inombolo yefayili.: 23/2/7/4/ School Leadership and Management
Isalathiso 20240320-2673

INgcaciso eMfutshane yeCandelo i-*Cape Teaching and Leadership Institute*: 0002/2024

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli aBaziiNtloko, kuBalawuli, (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityhulam, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwamaZiko, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kuBafundi beMfundo eneemfuno eziZodwa eBandakanya bonke aBafundi, kuBaphathi beeSekethe, kuBacebisi ngeZifundo nakwiiNqununu zezikolo zikarhulumente

**Isihloko: IiBhasari zokuPhuhliswa kweZakhono zoBuchule ngokuQhubekekayo ezifumanekayo: kwi-*Advanced Diploma in Education: School Leadership and Management***

1. ISebe leMfundo leNtshona Koloni (iSebe i*WCED*) libambisene ne-*Education, Training and Development Practices, Sector Education and Training Authority* (*ETDP SETA*) liya kwenza kufumaneke **iibhasari eziyi-100** zokufundela ukufumana ibanga lemfundo elipheleleyo i-*Advanced Diploma School Leadership and Management (AdvDip SLM*) kunyaka wokufunda ka-2024.

2. Iqela labafundi lokuqala lisagqibezela amabanga emfundo yabo yaye kuya kugaywa ngoku iqela lesibini nemalivunywe ukuba libe yinxalenye yeenkokheli zezikolo zeqela elitsha eliza kuthathwa kuqeqesho ukwenzela ukuba zifumane la mabanga emfundo abalulekileyo.

3. I-*AdvDip SLM* ithathe indawo ye-*Advanced Certificate in Education (ACE) School Management and Leadership.*

4. Iimpawu *(features)* eziphambili ze-*AdvDip SLM* zezi zilandelayo:
   (a) I-*National Qualification Framework (NQF) exit Level 7;*
   (b) Iikhredithi ezizezona zisezantsi zizonke eziyi-120; kunye
   (c) neeKhredithi ezizezona zisezantsi kwiNqanaba 7.

5. I-*AdvDip* libanga lemfundo yokuphuhliswa kwezakhono ngokuqhubekekayo elijolise ekuxhobiseni iinkokeli zezikolo ukwenzela ukuba zikhokele yaye zizilawule izikolo ngempumelelo ngexesha leenguqu ezahlukeneyo, imingeni, kunye namathuba amatsha.

6. Iprogram ijolise kumalungu eeKomiti zoLawulo zeSikolo aqeshwe ngokusisigxina akwizithuba zenqanaba 2 no-3 anamava olawulo okanye anqwenela ukuba ziinqununu. Abenzi-sicelo abalindelekileyo mababe ngabaqeshwe isigxina kwisithuba senqanaba 2 okanye 3 ukwenzela ukuba bakufanele ukwamkelwa kwiprogram.

7. Ukulungiselela eli qela/eli qela lithathwa ngoku **(2024), ngamasekela-nqununu** kuphela (akwisithuba senqanaba 3) **neentloko zamacandelo** (ezikwisithuba senqanaba 2) eziya kuqwalaselwa.

8. Ezi mfuno zimiselweyo zilandelayo zisezantsi mazifezekiswe ngabo kulindeleke babe ngabafundi:

| Iprogram | Iimfuno ezimiselweyo ezona zisezantsi |
|---|---|
| I-*AdvDip SLM* | • *A former (before 2018) 4-year BEd degree(480 credits, NQF old exit Level 6) or*<br>• *A 4-year BEd degree(after 2018) – 480 credits, NQF Level 7 or*<br>• *A former general first degree (360 credits, NQF previous exit Level 6) or diploma, (360 credits, NQF old exit Level 6) and Postgraduate Certificate in Education (120 credits, NQF Level 7) or*<br>• *A new general first degree (360 credits, NQF exit Level 7) or diploma, (360 credits, NQF exit Level 7) and Advanced Diploma in Teaching (120 credits, NQF exit Level 7) or*<br>• *A former Higher Diploma in Education (120 credits, NQF exit Level 7) or,*<br>• *A former Advanced Certificate in Education (120 credits, old exit Level 6) or*<br>• *A former college Higher Diploma in Education (480 credits, old exit Level 5/6) or*<br>• *A former Further Diploma in Education (120 credits, old exit Level 5/6).* |

9. Izicelo ziya kuqwalaselwa, ngokuxhomekeke ekubeni umenzi-sicelo ngamnye uyazifezekisa na zonke ezi mfuno zimiselweyo zilandelayo
   (a) Makabe uqeshwe njengesekela-nqununu kwisithuba senqanaba lesi-3 okanye njengentloko yecandelo lesifundo kwisithuba senqanaba lesi-2;
   (b) Makabe uqeshwe **ngokusisigxina** liSebe i*WCED*;
   (c) Makabe uyayifezekise imiqathango yokwamkelwa eyimfuneko yeziko lemfundo elichaphazelekayo ngokwengongoma 8 ngasentla.

(d) Makabe **ngongafumani** bhasari kurhulumente okanye nayiphi na enye ibhasari;

(e) Makabe **ngongabhaliswanga** kuyo nayiphi na iyunivesithi xa efaka isicelo; okanye ebhalisa; yaye

(f) Makanikwe imvume nengqinisekiso evela kumphathi wesekethe nenqununu yesikolo ukuba umenzi-sicelo uza kunikwa inkxaso kuyo yonke iprogram, ngakumbi ngokumalunga nekhomponenti eyi-*practise-based component* yale program.

10. Iprogram ye-*AdvDip* iya kufundiswa ngokungesosigxina kwisithuba seminyaka emibini, ukususela ngo-Apreli 2024 ukuya kuMatshi 2026. Kuya kusetyenziswa indlela yokufundisa yenkqubo yokufunda edityaniswe ngethekhnoloji.

11. Umsebenzi wekhosi uya kubandakanya ukusetyenziswa kweenkqubo zokwabelana ngengcaciso kwezemfundo *(education network*) ngamaqela ootitshala (*communities of practice)* kunye neeseshoni zokudibana *(contact session)* ngeeholide zokuvalwa kwezikolo; yaye ekuqaleni zinokubandakanya kwaneeseshoni zangoMgqibelo. Iinkcukacha ezingaphezulu ziya kunikwa xa kubhaliswayo.

12. Ibhasari nganye enikwe umfundi iya kuhlawula iifizi zokubhalisa kunye neefizi zokufunda yaye yona i-*ETDP SETA* iya kuhlawula iindleko ezinxulumene nobhaliso neefizi zokufunda kwiZiko leMfundo ePhakamileyo (*Higher Education Institution (HEI))* elichaphazelekayo.

13. Indawo yokuhlala ngeeseshoni zokudibana (*contact session*), apho kufanelekileyo, iya kulungiselelwa liSebe i*WCED* yaye iya kunikwa ootitshala abavela emaphandleni. Indawo yokuhlala ukulungiselela iiseshoni zethuba eliqingqiweyo (*block sessions*) iya kuba se-*Cape Teaching and Leadership Institute* (*CTLI*), ngokomgaqo-nkqubo wendawo yokuhlala we-*CTLI*.

14. Apho kufanelekileyo, iindleko zeehambo ukuya nokubuya kwindawo yoqeqesho ziya kuhlawulwa liSebe i*WCED* ngokomgaqo-nkqubo wezothutho we-*CTLI,* ukuba ngaba abagqatswa abaphumeleleyo abasuka kwidolophu okanye kwisikolo esinye basebenzisa isithuthi esinye apho kunokwenzeka.

15. Abenzi-zicelo abaphumeleleyo baya kuba noxanduva lokuhlawula iindleko zezixhobo zokuncedisa ukufunda zabo, apho kuyimfuneko.

16. Amasekela-nqununu okanye iintloko zamacandelo ezifundo ezinqwenela ukuqwalaselelwa i-program ye-*AdvDip SLM* neebhasari, bayacelwa ukuba baklikhe kule ingezantsi. Abenzi-sicelo kufuneka bafake **isiHlomelo A** (Ifom yokwenza isicelo) **nesiHlomelo B** (Ifom eyi-*Agreement form*). Kucelwa kuqwalaselwe ukuba zombini iifom kufuneka zingeniswe, yaye kufakwe onke amanye amaxwebhu achaphazelekayo kusetyenziswa ilinki enikwe apha ngezantsi ungadlulanga owe**-03 Meyi 2024**.

17. Ilinki yokufaka amaxwebhu yile: https://forms.gle/eb5ttjwpKMohQrEe9

18. **Kucelwa niqaphele oku kulandelayo:**

- **Izicelo ezingaphelelanga okanye ezingafundekiyo aziyi kuqwalaselwa;**
- **Izicelo ezithunyelwe ngefeksi okanye ezingeniswe ngesandla aziyi kwamkelwa;**
- Abenzi-zicelo baya kudityaniswa ngokwemimandla yeendawo abakuzo (indawo esikuyo isikolo) kunye nendawo elikuyo iZiko le-*HEI* ekungenwe kwimvumelwano nalo.
- **Iikopi eziqinisekisiweyo** zesatifikethi sematriki, izatifikethi zamabanga emfundo kunye/okanye ezomsebenzi awuqeqeshelweyo, ileta yengqesho yeSebe i*WCED (WCED appointment letter)* echaza ukuqeshwa ngokusisigxina kwisithuba senqanaba 2 okanye 3, nesazisi somenzi-sicelo, mazifakwe nesicelo sakhe.
- Ifom yesicelo **mayisayinwe yaye ivunywe ngumenzi-sicelo, yinqununu yakhe kunye nomphathi wesekethe**;
- Ukuba isicelo asivunywanga yinqununu kunye nomphathi wesekethe, siya kuthathwa njengesingaphelelanga yaye asiyi kuqwalaselwa.

19. Izicelo ezifunyenwe emva komhla wokuvala **we-03 Meyi 2024** aziyi kuqwalaselwa.

20. Ngokuzalisa ifom yesivumelwano (isiHlomelo B), abenzi-zicelo abaphumeleleyo bangena kwimvumelwano esemthethweni neSebe i*WCED* yokwenza inkonzo yonyaka ngonyaka ngamnye abanikwe ngawo ibhasari, kwakunye nokuthobela eminye imigqaliselo ekhankanywe kwimvumelwano.

21. Kucelwa niqinisekise ukuba okuqulethwe kule ngcaciso imfutshane kwaziswa bonke ootitshala esikolweni sakho ukuze bakuthathele ingqalelo.

**ISAYINWE:** NGU-B LORISTON
**USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOLAWULO LWEKHARITYHULAM NOVAVANYO**
**UMHLA:** 2024-04-16